# BAYASIFUNA ABO BASITHANDAYO
MASIGONYELENI I-COVID-19
UKUQINISEKISA UKUBA SIKHONA KWABO SIBATHANDAYO

UBUSAZI?

- Ukuba uneminyaka eli-18 okanye ngaphezulu ubudala, akusenamfuneko yokulinda! Ngqala ngqo kwiziko lokugoma elikufuphi nawe, uyokugonyela khona.

- Ungavele uye nje kwindawo yokugonya, nokuba awuhlelanga xesha apho uza kubhaliswa kwaye ugonywe.

- Ungayikhawulezisa le nkqubo ngokubhalisa ku- **https://vaccine.enroll.health.gov.za** phambi kokuba uye kwindawo leyo.

- Abo abangenayo i-inthanethi bangabhalisa nge-SMS ngokucofa u ***134*832* inombolo yakho ye-ID**#. Ukuba awunayo inombolo ye-ID, cofa u ***134*832#.**

- Ubhaliso lunokwenziwa kananjalo ngenombolo **yeWhatsApp ye-COVID** ngokuthumela u "**REGISTER**" ku **0600 123 456**.

- Iinkonzo zokubhalisa ze-SMS nezeWhatsApp azihlawulelwa; **akukho mfuneko yokuba nedatha** okanye i-**airtime** ukuze ufikelele kwezinkonzo.

- Qhubeka ufake isifonyo wogqume umlomo nempumlo, ungasondeli kwabanye abantu xakuhleliwe okanye kumiwe, uhlambe izandla ngesepha okanye usebenzise i-sanitiser, uvule ifestile ukuze kungene umoya.

- Iyaqhubeka ibhebhetheka i-COVID-19 kwaye ukugonya yeyona ndlela ikuphela kwayo yokuthomalalisa izinga lokwesulelana kwindawo esihlala kuzo.

- **Wakube ugonyiwe, ukhuseleke ngcono kwizigulo ezimandundu,** ukulaliswa esibhedlele kunye nokusweleka**.**

- **Ngokugonya abantu abaninzi**, **singayehlisa imfuno** yamanyathelo okuthintela **afana nokuma ngxi kweentshukumo okungamandla** kunye **nezithintelo**.

MASIGONYELENI I-COVID-19 UKUZE SIBUYELE EKUTYELELENI IINDAWO ESIZITHANDAYO KWAYE SIBONE NABANTU ESIBATHANDAYO.

public works
& infrastructure

Department:
Public Works and Infrastructure
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

STAY SAFE
PROTECT SOUTH AFRICA

TOGETHER WE CAN BEAT THE CORONAVIRUS